Isalathiso 20210503-2644
Inombolo yefayili: 13/1/1/2
Imibuzo: J Parbhoo

INgcaciso eMfutshane yeCandelo leKharityhulam noLawulo loVavanyo: 0002/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (KwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNtloko zamaziko emfundo alungiselela abafundi kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**ISihloko: ISikhokelo seeMviwo zeBakala 12 sango-2021**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe i-*WCED*) lifumene isikhokelo soviwo sango-2021 ngomhla we-30 Apreli 2021 esivela kwiSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*).

2. Injongo yesi sikhokelo soviwo:

2.1 Kukubonelela ngenkcazo ngobunzulu nobungakanani bekhontenti eza kuvavanywa kwiimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zeBakala 12 ukulungiselela izifundo ezininzi, kunye
2.2 Nokuncedisa ootitshala babalungiselele abafundi ngokufanelekileyo ukwenzela iimviwo zokugqibela.

3. Esi sikhokelo soviwo asijongananga nobunzulu bemvavanyo eziqhubekela esikolweni zangaphakathi kodwa sigxininisa kwiimviwo zeBakala 12 zangaphandle zokugqibela.

4. Esi sikhokelo simele ukufundwa kunye nala maxwebhu alandelayo:
4.1 I-*National Curriculum Statement (NCS) Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)* yezifundo ezininzi;
4.2 I-*National Protocol for Assessment Grades R – 12*;
4.3 I-*National Policy pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement, Grades R - 12*; kunye
4.4 ne-*Grade 12 Abridged CAPS Amendments to Section 4 (Implementation: January 2021)*.

5. Isikhokelo soviwo sinika amanqanaba engqiqo omlinganiselo wokwabiwa kwamanqaku (*weighting of cognitive levels*), ifomathi yephepha (yamaphepha emibuzo), nenkxaso emalunga nekhontenti yeBakala 12. Ngoko ke sibalulekile kootitshala nakubo bonke abafundi beBakala 12.

6. Isikhokelo soviwo sicacisa iminqweno yovavanyo yaye asithathi ndawo yoxwebhu lwe-*CAPS* olumele ukufundiswa ngootitshala ukuqinisekisa ukufundiswa kwekharityhulam esemgangathweni.

7. Isikhokelo soviwo seBakala 12 seSebe i-*DBE* sango-2021 sinokufunyanwa ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://bit.ly/3e20YJj, ngokungena kwi-*ePortal* yeSebe i-*WCED* okanye ngokusebenzisa le-*QR code*:

8. Kucelwa iinqununu ziqinisekise ukuba esi sikhokelo sango-2021 sinikwa bonke ootitshala.

**ISAYINWE:** NGU-H MAHOMED
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO**
**UMHLA:** 2021-05-11